URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Christiaan Klopper
ICandelo loLawulo loVavanyo
Christiaan.Klopper@westerncape.gov.za | 021 467 2407

Inombolo yefayili.: 19/2/P
Isalathiso: 20230303-2097

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo 0005/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela-Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Iimfuno ezimiselweyo ezihlaziyiweyo zeeMvavanyo eziQhubekela eSikolweni (*School-based Assessment* (*SBA*)) zeeLwimi ezingezozasebuRhulumenteni

1. ISebe leMfundo esiSiseko lakhupha uxwebhu i-***Examination Instruction 5,*** lomhla we-16 Februwari 2023, oluhlaziya iimfuno eziMiselweyo zeeMvavanyo eziQhubekela eSikolweni (*School-based Assessment* (*SBA*)) zeeLwimi ezingezozasebuRhulumenteni.

2. Le ngcaciso imfutshane yenzelwe ukwazisa izikolo ngeemfuno ezimiselweyo ezihlaziyiweyo zeeMvavanyo eziQhubekela eSikolweni (*School-based Assessment* (*SBA*)) zango-2023 zeeLwimi ezingezozasebuRhulumenteni.

3. IBhodi yeeMviwo eZimeleyo inoxanduva lomsebenzi wokuseta amaphepha emibuzo kwakunye nolawulo lwe-*SBA* nemisebenzi ye-*Orali* kwiiLwimi ezingezozasebuRhulumenteni.

4. Kufakelwe izilungiso kwezi mfuno zimiselweyo ze-*SBA* kwezi zifundo zilandelayo ukulungiselela u-2023:
   - *i) I-Arabic Second Additional Language (SAL);*
   - *ii) I-French SAL;*
   - *iii) I-German SAL;*
   - *iv) I-Hebrew SAL;*
   - *v) I-Mandarin SAL;*
   - *vi) Portuguese SAL; kunye*
   - *vii) Ne-Spanish SAL.*

5. Isishwankathelo seemfuno ezimiselweyo ezihlaziyiweyo zee-*SBA* zeeLwimi ezingezozasebuRhulumenteni ngo-2023 siqhotyoshelwe kule ngcaciso imfutshane **njengesiHlomelo A** *(Assessment School-based Requirements 2023: Non-Official Languages)*.

6. Kucelwa amagosa ezithili zemfundo neenqununu ukuba bazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kootitshala, kubazali/kubagcini babafundi nakubafundi ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2023-03-09